

IBANGA 3 ULWIMI LWEENKOBE

Ityala lokulahleka kwamaqebengwana



ISIXHOUSA



Incwadi

2



Ukufunda ngokwamaqela ngoncedo lukatitshala

Phambi kokufunda

- Tyhila ibali abaza kulifunda. Thetha ngemifanekiso.
- Cela abafundi baqashisele ukuba lingantoni na ibali ngokujonga kwizihloko nemifanekiso.
- Cacisela abafundi amagama amatsha okanye anzima phambi kokuba baqalise ukufunda.
- Yenza amakhadi amagama ukufundisa isigama esitsha. (Jonga uluhlu lwasigama esitsha kumphakathi woqweqwe lwangasemva.)

Xa kufundwa okokuqala

- Abafundi mabafunde incwadi ngabanye-ngabanye.
- Abafundi mabafunde ngokuthe cwaka okanye bafunde incwadi ngokusebeza.
- Yiya kumfundu ngamnye umcele ukuba afunde umhlathi encwadini ekhwaza.

Ingxoxo

- Buza imibuzo evavanya ukuqonda esekelewe encwadini.
- Gxinisa kwizandi, amagama angaqhelekanga okanye anzima nakwisigama.
- Uya kufumana imisebenzi engemva kule ncwadi iluncedo ekukhokeleni ingxoxo. (Khetha imisebenzi elungele umgangatho wabafundi).

Xa kufundwa okwesibini

- Kwiintsuku ezilandelayo, bayeke abafundi bafunde kwakhona, ngababini okanye emnye.
- Gxinisa ekufundeni kakuhle, igrاما nesigama.
- Bayeke abafundi bagqibezele imisebenzi equkwe ngemva kule ncwadi ngokwamaqela. Khetha imisetenzana efanele umgangatho wabafundi.



Abafundi mabenze umdlalwana
ukuba incwadi iyakuvumela oko.




Abafundi mabenze imisebenzi yokufunda
ngokwamaqela emva kwesifundo. Bayalele
abafundi basebenze ngokwamaqela benze
imisebenzi efanelekileyo yokufunda
ngokwamaqela efumaneka ngemva encwadini.
Mabangabhalu kule ncwadi. Imisebenzi ebhalwayo
mayenziwe kwiincwadi zabo zemisebenzi.

Ityala lokulahleka kwamaqebengwana



UZola wakroba efesitileni. Wabona
iveni ehambisa ukutya imisa ekupheleni
kwendlela. Umqhubi waphumelangaphandle,
waze wothula ngasemva evenini itreyi
yamaqebengwana ahonjisiweyo ngaphezulu.
Kanye ngelo xesha, intombazanana encinci
yathetha naye. Yayingathi ibuza indlela.
Indoda ehambisa ukutya yayibeka phantsi
itreyi yamaqebengwana ecaleni kwendlela
ukuze ikwazi ukumkhombisa indlela.

Ngephanyazo, kwathi gqi inkwenkwana
eyafika yathi xхи amaqebengwana
yabaleka nawo. Ithe ijonga indoda ehambisa
ukutya abe emkile amaqebengwana!



UZola uzame ukuyibonisa indoda ezise amaqebengwana ngokubetha ifesitile kodwa ayimvanga. Uzamile ukucacisela utata wakhe ngokwenzekileyo kodwa wasuka wamphulula entloko.

Uzobe umfanekiso weqebengwana wawunika umama wakhe. "Umzobo omhle kangaka sithandwa," utshilo umama wakhe. "Ingaba ziintyatyambo ezi?"

Kwakungekho mntu omvayo ukuba wayezama ukuthini! Ngaloo mzuzu, uZola oneenyanga ezili-18 ubudala wagqiba ekubeni uza kufunda ukuthetha kakuhle ngokukhawuleza okukhulu.

Zange ayifune into yokuba abantu
bangayiva into ayithethayo!

Emva kweminyaka eli-10 ...



UZola wayekwiBanga lesi-b. Iklasi yakhe yayenze amalungiselelo etheko lomhla wokuzalwa kukatitshalakazi wabo, uNkszn.

Fish. Kodwa amaqbengwana ayeziswe yiveni yakwaSiyabhaka aduka.

UZola nabahlolo bakhe uZozo noBheka kwafuneka bakhangele amaqbengwana ngaphambi kokuba itheko liqale, okanye itheko lequbuliso liza kufadalala.

"Sinabantu abathathu esibakrokrelayo," watsho njalo. "Owokuqala nguSolly Samps futhi sonke siyazi ukuba kutheni isiteketiso sakhe singuZimuncumuncu."

"Owesibini nguMendi Dlamini othanda

kakhulu amaqebengwana etshokolethi!"
wongeza uZozo.

"Kukho no Adam Bester," watsho
uBheka. "Utya nantoni ephambi
kwamehlo akhe!"



Aba bahlobo bathathu bagqiba
kwelokuba uZola uza kubuza uSolly,
uZozo uza kuthetha noMendi aze
uBheka ajongane noAdam.

Bazenzela uluhlu lwemibuzo abaza
kuyibuza abantu ababakrokrelayo
baze bavumelana ukuba baza
kuhlangana emva kwemini ngosuku
olulandelayo, emva komdlalo wabo
webhola yombhoxo nehoki.



Bavumelana ukuba baziqhelanise nendlela
abaza kubuza ngayo imibuzo phambi
kokuba bathethe nabarhanelwa.




Kusuku olulandelayo, umhlobo ngamnye wabeka phantsi isicwangciso sabo. Okokuqala, uZola waya kukhangela uSolly.

"Khawume Solly! Ndingahamba nawe?"

"Ewe. Zihamba njani izicwangciso zetheko likaNkszn. Fish?" "Kakubi. Ukhona umntu obe onke amaqebengwana afakwe iayisi ngaphezulu! Ingaba kukho umntu omkrokrelayo?"

"Zola, akakho umntu onokuthatha amaqebengwana. Wonke umntu ufuni itheko libe yimpumelelo enkulu! Siza kwenza njani? Mhlawumbi singacela enye imali kumntu wonke eklasini zesiphinde sifake iodolo yamanye amaqebengwana."



UZozo wabuza uMendi phambi kweklasi.

"Mendi, khawume! Yintoni le ise bhatyini yakho? Yima ndiyosule!"

"Molo Zozo, enkosi!"

"Ndiye ndakukhangela emva komculo izolo kodwa andakufumana."

"Kuye kwafuneka ndihambe kwakamsinyane, umama wam ebesebenza ebusuku. Zihamba njani izicwangciso zetheko likaNkszn. Fish? Ingaba ikhona into endinokuncedisa ngayo?"

"Ewe, onke amaqebengwana etheko abiwe. Andazi nokuba ukhona na umntu ocinga ukuba uwathathile."

"Enyanisweni Zozo, andiqondi
ukuba kukho umntu eklasini yethu
ongafuna ukudunga-dunga itheko
likaNkszn. Fish, nditsho noSolly lo
ozithandayo izinto eziswiti."



Okokugqibela, uBheka wathetha noAdam.

"Adam, khawume. Nam ndiya kudlala ibhola yombhoxo. Ubuphi izolo emva komdlalo?"

"Owu, ndiye ndabaleka ndileqa ibhasi egodukayo kuba umama notata bebesebenza ebusuku. Kutheni ubuza? Kwenzeke ntoni?"

"Onke amaqebengwana ethu etheko likaNkszn. Fish awekho. Andazi noba ukhe weva nto malunga noku."

"Owu Nkosi yokulunga! Ucinga ukuba ngenxa yokuba ndithanda ukutya nantoni ephambi kwam inokuba athathwe ndim la maqebengwana?" wabuza ebukhathazeka uAdam."

"Andinakuyenza loo nto ndibhoxe
itheko lethu. Sonke sisebenze nzima
ukuze libe yimpumelelo," wongeza
ngelitshoyo.



Ngale mvakwemini, abacuphi abathathu bahlangana ukuze bathelekise amanqaku abo. Bavumelana ukuba uAdam, uMendi noSolly ayingabo abathathe amaqebengwana. Okunye okwakusothusa kukuba amaqebengwana esoseji nawo ayethathiwe!

Yayinye kuphela into abanokuyenza: kukuchitha ubusuku esikolweni baze bazame ukubamba eli sela.

Emva kokufumana imvume kwinqununu yesikolo nakubazali babo, balungisa iibhedi ezintathu ezisongwayo kwigumbi letheko. Bacima izibane baze bakhasa ukuya kwiingxowa zabo zokulala. Bashiya ucango lungavalekanga ncam ukuze bakwazi ukubona kancinci.



UZola noZozo baguquguquka bezama ukulala ngeli xesha uBheka wayerhona ngokungathi yikloko eyayisedongeni. "Ulala njani ingekasonjululwa ingxaki?" wacinga uZola.


Ngentsimbi yeshumi elinambini, ucango lwavuleka. "Bheka! Bheka! vuka!"

"Yintoni! Kwenzeka ntoni?"

"Ukhona umntu ongenileyo", wasebeza uZola. "Umntu omfutshane kakhulu."

UBheka walayita ithotshi yakhe. Phaya, etafileni, uBukubuku, injá esisilo-qabane senqununu yayizilungiselela ukutya izonka ezihlohlwiweyo!

Ubomi buzele zizinto ezimangalisayo!



Inja nesela



Labeth' enkundlen' isela komkhulu,
Lisithi kulelwe kusebusuku;
Lanyalas'ukubhek' esangweni,
Linebhos' elikhul' ephangweni



Kwakumnyama, indlela imfiliba.
Labaleka kungekho kuvikiza;
Alihlaba ameva lancwina,
Lada lazibika ke lakhwina.



Latsiba-tsiba likhetha amatye,
Liwanyathela liwatsib' amanye;
Latsibela kwelinye laxhuma,
Kanti yinj' akomkhulu yavuka.



Lakhali' isela kwavuk' amadoda;
Yagram' inja yaman' ukijoja;
Lafumana lema lingahambi;
Yakhonkotha inja ingabambi.

Lathandaza isela libongoza.
Lafaka izicelo lidombozoa,
Ay'amadod' entyonty' amakhwelo.
Laceng' isela lenza izagwelo.

Imiba enomdla



Incoko ngendlela yokwenza iqebengwana lekomityi lokuqala yaqala ngo-1796.



Ayebizwa ngokuba ngamaqebengwana ekomityi kuba ayebhakwa kwiikomityi zeti, kodwa ke kuthi nayiphi ikeyiki encinci liqebengwana.



Amaqebengwana ekomityi aduma kuba onga ixesha ekhitshini futhi kulula ukuwabhaka kuneekyiki ezinkulu.



La maqebengwana ngamanye amaxesha aziwa njengeekyiki zentsomi.



Elona qebengwana lekomityi elakhe lenziwa lalinobunzima obungama-555kg nobude obungaphezulu kwemitha ubude neemitha ezintathu ububanzi, futhi linezigidi ezibini zeekhalori.



UWinston Churchill wayengumntu wokuqala ukucebisa ngodidi lwelekese yokubandisa kumphezulu weekeyiki. Ekuhambeni kwexesha wasola ukuba izidlele zakhe ezikhulu zazibangelwa yikhrimu eswiti eqatywe ngaphezulu kwikeyiki.



Indawo yokubhaka eMelika yavelisa i-ATM engumngxuma eludongeni, umatshini okhupha amaqebengwana iiyure ezingama-24 ngosuku. Ugcina amaqebengwana angama-600 ngexesha ehlaziyekile!

Imisebenzi yokufunda yeqela



I Funda le mibuzo ilandelayo uze ubhale iimpendulo phantsi.

- Jonga isihloko noqweqwé lwencwadi. Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni?
- Ngubani umdlali ophambili kweli bali?
- Umama kaZola wayecinga ukuba umzobo kaZola ukhangeleka njengeentyatyambo. Ucinga ukuba uZola waziva njani?
- Kutheni kwakungekho namnye umntu owayeyiqonda into efuna ukuxelwa nguZola?
- UZola wayenonyaka omnye onesiqingatha kuperha mhla wayebona amaqebengwana ebiwa. Ingaba ucinga ukuba wayeyintombazanana ekrelekrele? Ngoba?
- Kwiminyaka elishumi emva koko, amaqebengwana aphinda abiwa. UZola nabahlobo bakhe bakrokrela bani? Chaza ukuba kutheni le nto bekrokrela bona.
- Ingaba ulonwabele ibali? Bhala imigca eli-10 uchaze ukuba kutheni ulonwabele okanye ungalonwabelanga eli bali.
- Wakhe walahlekelwa yinto oyithandayo, waphinda wayifumana kwakhona?
 - Xelela abahlobo bakho ngento oyilahlileyo nendlela owayifumana ngayo kwakhona.
 - Ngoku bhala imihlathi emi-2 malunga nento owayilahlayo waphinda wayifumana.
- Ebalini, injá yenqununu “ibe” amaqebengwana. Bhala esinye isipheло sebali.



2

Cinga ngathi kukho into elahlekileyo eklasini yakho. Sebenzisa amagama abuzayo (ngubani? yintoni? phi? nini? kutheni?) ukubhala imibuzo emihlanu emalunga nento elahlekileyo. Ngoku buzaabantu ababini eklasini yakho malunga nokulahlekileyo. Bhala phantsi iimpendulo zabo ngokwesicwangciso sombuzo nempendulo.



3

Yenza izivakalisi ezimbaxa kwezi zivakalisi zilula. Sebenzisa amagama kuba, kunye, emva koko ukuhlanganisa izivakalisi.

- a. Indoda ezisa izinto yabeka phantsi amaqebengwana. Yaguquka.
- b. UZola wajonga ngaphandle kwefesitile. Ubone intombazana encinci.
- c. UZola wagqiba ekubeni uza kufunda ukuthetha kakuhle ngokukhawuleza. Abantu baza kumva.



4

Bhala kwakhona oku kulandelayo njengengxelo-ntetho.

- a. "Kufuneka ndihambe kwakamsinyane ngoba umama wam usebenza ebusuku," watsho uZozo.
- b. "Ukhona umntu ongene egumbini, kodwa lo mntu mfutshane kakhulu," wasebeza uZola.





5

Iklasi yakho igqibe ekuben ienzele utitshala wakho itheko lokuphela konyaka. Mbhalele isimemo. Izimemo zakho kufuneka ziuke.

- iklasi eza kuba netheko,
- igama likatitshala othumela kuye isimemo,
- lingoluphi usuku
- liph ipho likhoyo kanye nedilesi ukuba iyafuneka,
- liqala ngabani ixesha itheko,
- liphela ngabani ixesha itheko,
- Ingcaciso nge-RSVP (impendulo) kanye naluphina ulwazi olungolunye.



6

Sebenza kanye nomhlobo. Kufuneka ucele imali kumntu wonke eklassini yakho yetheko, kodwa awazi ukuba ufune malini na.

Zoba iikholam ezimbini. Kwikholam yokuqala, bhala uluhlu lwezinto zizonkeekufuneka uzibhalile. Kwikholam esekunene, bhala phantsi ixabiso lento nganye. Dibanisa onke amaxabiso uze wohlule imali iyonke ngenani labantwana eklassini yakho. Leyo yimali ekufuneka ujicelile kumntwana ngamnye ukuba eze nayo.



7

Bhalela utitshala wakho ilet. Kumhlathi wokuqala, mbulele ngokukufundisa. Kumhlathi wesibini, mxelele ukuba kutheni wayonwabela kangaka iklasi yakhe. Kumhlathi wokugqibela, mnqwenelele iholide emnandi.

Sebenzisa isakhwi esingezantsi xa ubhala ilet yakho.

Idilesi

Umhla

Nkosazana _____ othandekayo

Ngemikhulu imibuliso
Igama lakho

IBANGA 3 ULWIMI LWEENKOBE



Incwadi 2

Isihloko:	Ityala lokulahleka kwamaqebengwana
Ulwimi:	IsiXhosa
Inqanaba:	Incwadi yokufunda yoLwimi Lweenkobe yeBanga lesi-3 Inqanaba 3 Incwadi 2
Uhlobo lwencwadi:	Ibali
Amagama ajongwayo:	inqununu, ncam, bathelekise, bavumelana, ukubhoxa, baziqhelanise, ihoki, ajongane, itheko lequbuliso, ukutsala amehlo
Isigama:	abarhanelwa, abakrokrelayo, abacuphi, ukudunga-dunga, izicwangciso, imvume, ukuphulula, ukuthi xhwii, ukuthi gqi, ngephanyazo
Izandi:	<ul style="list-style-type: none">Amagama abizwa ngokufanayo kodwa eneentsingiselo ezahlukeneyo (oomabizwafane): inyanga (ephuma ebusuku); inyanga (exela ixesha lonyaka)Izandi ezimeleneyo kodwa zibizwe ngokwahlukeneyo: umbhoxo (m-bh), umphezulu (m-ph)
Umxholo, amagama nezakhono:	<ul style="list-style-type: none">Uyafunda aze aphendule imibuzo engolwazi nokuqonda.Uqulunqa imibuzo.Ubuza abafundi beklasi yakhe imibuzo.Ubhala imibuzo neempendulo.Ubhala izivakalisi kwingxelo-ntetho.Wenza uhlahlo-lwabiwo-mali lwetheko laseklasini.Ubhala ileta.

Inkqubo ye-CAPS igunyazisa ukuba ootitshala babe nexesa abalibekela bucala ngosuku ngalunye, kulungiselelwa ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala.

ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala kujolise ekubeni abafundi abakwinqanaba lokufunda elifanayo bafunde isicatshulwa esifanayo ngoncedo lukatitshala.

Utitshala kufuneka enze isicwangciso sokufunda esiquka iindlela zobuchule bokufunda nokuqonda amagama, zokuxhobisa abafundi xa befunda.


Ezi ndlela zobuchule ziquka "incoko ngebali" ephakathi kukatitshala nabafundi, nephakathi kwabafundi emaqeleni abo. Ezi ncwadi ziqulethe iqela lemisebenzi malunga nezi "ncoko ngebali". ukuqonda neminye enokunceda ootitshala ekukhokeleni ukufunda ngokwamaqela emagumbini abo.

ISBN 978-1-4315-2621-5



9 781431 526215

ISBN 978-1-4315-2621-5



**THIS BOOK MAY NOT
BE SOLD.**



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street, Pretoria
South Africa

© Department of Basic Education
First edition 2016

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked, the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.

**Ezinye iincwadi ezikwithala
leencwadi zeBanga lesi-3
zoLwimi Lweenkobe**



**UMvundlana ughatha
uMpungutye**

Utyelelo elwandle

Uyolo lwasekhitshini

Idayari kaNozikhalazo



Izilwanyana ziqhweshile

UThandi unemini embi

Impelaveki esingasoze siyilibale



Irhamncwa ekhabbhathini

**Ityala lokulahlekwa
kwamagebengwana**

Yinyaniso emsulwa